



NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NOVEMBER 2016

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA II
ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER II

Ixesha: 2½ Iiyure

Amanqaku: 100

IMIYALELO

1. Eli phepha linamaphepha ali-10.
 2. Eli phepha linamacandelo amabini (u-A no-B).
 - Icandelo A: Amabali amafutshane
 - Icandelo B: Imihlathana emide nemihlathana emifutshane
 3. Kwicandelo B – Bhala umhlathana omde omnye; nomhlathana omnye omfutshane.
 4. Imibuzo mayiphendulwe ngesiXhosa.
 5. Umthamo wempendulo yakho mawukhokelwe ngamanqaku owanikiweyo.
 6. Bhala isivakalisi esipheleleyo xa umbuzo ufuna oko.
 7. Abaviwa baya kohlwayelwa ukungasebenzisi kakuhle ulwimi.
-

**ICANDELO A AMABALI AMAFUTSHANE: ISENGWA NGOYAZIYO –
A. YAPI**

UMBUZO 1 IBALANA: UBOMI ABUYOMARIKE

1.1 Funda lo mhlathana uze uphendule imibuzo elandelayo.

Ngenye imini eyayimana ukufefa kuhle, wothusa ilali iphela, ukuya kutsho nakwezikufuphi, uMhlekezi. Kwakubhujawe kumzi ongekude kuyaphi kowakhe. Ukuba athumele isithunywa sakhe okokuba siqhube igusha, sifike siyibophelele esibayeni saloo mzi, size sixelele abantu bakhona ukuba uyavelana nabo. Wangcwatywa umfi engakhange alubeke kuloo mzi. Kwathi kanti yinto aza kumana ukuyenza leyo: isithunywa sakhe sikhuleke igusha kwisibaya somzi, angaveli kuloo mzi yena buqu. Kuko konke oko zange kubekho mntu unasibindi sakumnqanda. Nababethetha ngaloo mkhuba kuye, babesuka bamncome, ngathi wenze into ebingenakucingwa nangubani. Kwabakho abafungayo ukuba sokuze baye kwakhe xa enokwehlelwa lishwangusha. Bathi baya kusuka bakhuleke 'iminikelo' esibayeni sakhe, baguquke bahambe. Kwakukho nabathi balinde imbarha, bazokumxelela iindaba zakhe. Zagqitha imbarha ngeembarha, engaxelelwa nto uMhlekezi.

1.1.1 Ngubani lo kuthethwa ngaye? (1)

1.1.2 Yintoni le yothuse ilali? (2)

1.1.3 Bangaphi abantwana bakaMhlekezi? (1)

1.1.4 **Yinyani** okanye **bubuxoki**? Ukuba bubuxoki, xhasa impendulo yakho. (7)

(a) Abantu belali babewuvuyela umnikelo kaMhlekezi.

(b) UMhlekezi yayingoyena mntu uhluphekileyo kule lali.

(c) UMhlekezi wayengabuthandi utywala/ijiki.

(d) UMhlekezi wayengumpheki emayini.

1.1.5 Uthetha ukuthini uFezile Hanti xa esithi, Ubomi abuyomarike? (1)

1.2 Khawunike izinto zibe ntathu ngobomi bukaFezile Hanti eGoli. (3)

[15]

UMBUZO 2 **IBALANA: *NDONQANDWA YINTONI***

Abalinganiswa:

2.1 Gqibezela ezi zivakalisi ngokukhetha kumagama asebhokisini.

Sojola	Litha Mpayipeli	Sizamile	Tiki	Sir Ngwev
Nomthendeleko				

2.1.1 U _____ uphumelele isidanga esingentla kwesokuqala. (1)

2.1.2 U _____ wayelisekela nqununu eSizamile Sekondari. (1)

2.1.3 U _____ usebenza eHansvolk-Bjorn & Associates. (1)

2.1.4 Iqhula elaziwayo ngu _____ . (1)

2.1.5 Isikolo semfundo ephakamileyo yi _____ . (1)

2.1.6 U _____ ngutitshala wesiXhosa. (1)

2.2 Phendula le mibuzo ilandelayo:

2.2.1 Yintoni eyayibangela abantu bajonge uLitha kumsitho kaNomthendeleko? (1)

2.2.2 Eklasini kaSir Ngwev xela ukuba abanye abantwana bathi baza kwenza ntoni kunyaka ozayo. Xela zibe mbini. (2)

2.2.3 Luthini uluvo luka Sir Ngwev ngobu-Akhitektsha? (2)

2.2.4 Kwenzeka ntoni xa uLitha esithi akukho nto iza kumnqanda ukuba angabiyo i-akhitekt? (2)

2.2.5 Ithini imfundiso yeli bali? (2)

[15]

UMBUZO 3 IBALANA: UKULAHLA IMBO NGOPHOYIYANA

Khetha incoko ibe NYE kwezi zilandelayo:

3.1 UKholiwe uncokola nomhlobo wakhe ngendlela **azisola** ngayo ngokulahla uKhuzwayo akhethe uMtetomzi.

Incoko yakho mayibe ngamagama ali-**120** ubude. Gxininisa kwezi ngongoma:

- Umhla wodliwano-ndlebe.
- Ukudibana kwakhe noMtetomzi eSodom.
- Ubomi bakhe noKhuzwayo.
- Ukuthandana kwakhe noMtetomzi
- Ukubanjwa kukaKhuzwayo.
- Umhla waserestyu.

[10]

OKANYE

3.2 Bhala incoko phakathi kukaLitha noSir Ngwev. Wena unguLitha, umdala ngoku unefemeli/usapho. Udibana noSir Ngwev emva kwexesha elide ungasamboni. Nagqibela ukubonana kwitheko likaNomthendeleko.

- Mkhumbuze ngesiganeko esenzeka eklasini ufundiswa nguSir Ngwev.
- USir Ngwev ucinga ntoni/uziva njani ngeemfundiso zakhe.
- Wena ufuna ukuthini kuye ukuze uyeke ukumcaphukela.

[10]

UMBUZO 4 IBALANA: AMADODA AYADELELA

Khetha isincoko sibe SINYE kwezi zilandelayo:

4.1 Bhala **isincoko** esingamagama ali **180–200** ubude. Bhala ngeziganeko ezenzeka kweli bali ngoku sebenzisa ezi ngongoma zilandelayo ukukuncedisa kwisincoko sakho:

- Ukudibana nokwazana kukaMveleli noNomha.
- Ukuthandana kwabo, nendima edlalwe nguNomha ebomini bukaMveleli.
- Eholideyini eCofimvaba kuloMveleli.
- Uthando lukaMveleli noNozipho.
- Iziphumo zomtshato kaMveleli noNohma.

[20]

OKANYE

4.2 Bhala isincoko ngebali likaFezile Hanti. Sebenzisa ezi ngongoma zilandelayo ukuncedisa kwisincoko sakho:

- Ukubuyela kwakhe ezilalini.
- Imfuyo yakhe.
- Izinto awayezenza elalini.
- Umhla awayelele ecaleni kobuhlanti.
- Imfundiso ayifumene kweli phupha/ubomi bukaFezile emva kwephupha.

[20]

ICANDELO B

UMBUZO 5 IMIHLATHANA EMIDE

Khetha ileta ibe NYE kwezi zilandelayo. Ileta yakho kufuneka ibe ngamagama ali-150 kuya kuma-200 ubude.

5.1 Ileta yoburhulumente

Bhalela umasipala wengingqi yakho/wendawo ohlala kuyo, ukhalaze ngongcoliseko kwindawo ohlala kuyo.



[30]

OKANYE

5.2 Ileta yobuhlobo

Umhlobo wakho usebenzisa iziyobisi. Bhala iletu umxelele ngobungozi beziyobisi kwaye mcebise ukuba umele enze ntoni ukuyeka iziyobisi.




[30]

OKANYE

5.3 Ileta yoburhulumente

Bhalela uMongameli ileta ukhalazele indlela amosha ngayo imali yabarhafi. Nika iingcebiso ngokufanele akwenze ukunqanda ukuchitha kakubi imali yabantu/ yabemi baseMzantsi Afrika.




[30]

OKANYE

5.4 Ileta yobuhlobo

Umhlobo wakho ophesheya kolwandle ufuna ukutyelela uMzantsi Afrika. Mxelele ngeendawo ezinika umdla anokuzityelela.




[30]

UMBUZO 6 UMHLATHANA OMFUTSHANE

Kule mibuzo, khetha umbuzo ube MNYE. Umhlathana wakho kufuneka ube ngamagama ali-**120–150** ubude. Bhala idayari, i-obhitshwari, amacwecwe okanye ingxelo emfutshane.

6.1 Idayari

Ulungiselela iimviwo zokuphela konyaka. Yenza ingeniso *yedayari* yentsuku ezintlanu ubonise okwenzayo ukulungiselela iimviwo.



[10]

OKANYE

6.2 I-obhitshwari

UKholiwe ufunyenwe eswelekile egumbini lakhe lokulala. Bhala **i-obhitshwari/imbali ngobomi** bakhe.

Kholiwe Mashibini

Uzelwe: 25.09.1960

Usweleke: 04.01.2016

Umhla womngcwabo: 15 .01.2016

Indawo: Uniting Presbyterian Church, SA

Ixesha:10:00

Lala ngoxolo Mbathane, Xesibe, Matshaya, sohlala sikukhumbula.


[10]

OKANYE

6.3 Amacwecwe

Bhala amacwecwe amabini. Icwecwe ngalinye malibe namagama angama-60.

6.3.1 Umhlobo wakho ugqiba iminyaka elishumi elinesibhozo (18 yrs). Yenza icwecwe lokumnqwenelela imini emnandi.



6.3.2 Umzala wakho uyagula esibhedlele. Mthumelele icwecwe lokuba makaphile.



[10]

OKANYE

6.4 Ingxelo emfutshane yephephandaba

Jonga lo mfanekiso uze ubhale ingxelo emfutshane kwiphephandaba, ngempatho-mbi yabafazi nabantwana.



- Nika igama lephephandaba.
- Isihloko sale nto uza kuthetha ngayo.
- Umxholo, kwenzeke ntoni?
- Isiqukumbelo: ingaba ubanjiwe umenzi wobubi/lo mntu waphule umthetho?

[10]

40 amanqaku

Amanqaku ewonke: 100